basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**2019**

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: Iiyure 2**

**Olu viwo lunamaphepha ali-12.**

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo ngaNYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama-50 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama-20 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama-50 |

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

**UKHENKETHO OLUKONGELA IMALI**

1 Ungabuza nawuphi na umkhenkethi uza kukuxelela ukuba uMzantsi Afrika lelinye lamazwe amahle ehlabathini. Unenkqubo ekuthiwa yi'Sho't Left ekhuthaza abemi beli ukuba bangayi kwamanye amazwe koko baqwalasele ukwahluka okumangalisayo eli lizwe elinako. Cinga ngaphaya kweKapa, iRhawuti kunye naseThekwini. UMzantsi Afrika uneGarden Route entle kakhulu, uMntla Koloni onesibhakabhaka esinesihota esigcwele ziinkwenkwezi kwakunye neentaba zokhahlamba zaseMpumalanga ezingakwenza ungawuvali umlomo. Ngokwale nkqubo yeSho't Left awusebenzisi mali ininzi koko uxhasa nezoqoqosho zeli utsho ubone iindawo kunye nabanye abantu abangabakhenkethi kweli.

2 Ukuba uthanda ukukhenkethela phesheya kumazwe afana neThailand, iBali, iBintan Island yaseSingapore okanye iMauritius kufuneka ubene-Visa yelizwe ngalinye. I-Visa ibiza imali eninzi. Oko kungenza uzibhaqe usebenzisa imali eninzi. Kungenjalo kungangcono ukukhenkethela ilizwekazi iMelika esemazantsi lona ukwaziyo ukuthi nge-Visa enye ukhenkethele amazwana ayo amaninzi kunokukhenkethela kumazwe anjengeBolivia wona i-Visa yawo isebenziseka kwilizwe elinye kuphela. Kaloku iMelika inako konke obuya kukufumana kumazwe akhenkethelwa nge-Visa ilizwe ngalinye. IBrazil, Chile, neArgentina yimizekelo yamazwana akwiMelika esemazantsi onokuwakhenkethela nge-Visa enye futhi ukwasebenzisa imali enye eyidola esetyenziswa yiMelika. Ungenza izinto ezonwabisayo ezifana nokuya kuphola ebhitshini ukuya kutsho kwiipati zasebusuku.

3 ULesego Matabane uMphathi wezentengiso *eClub Med Southern Africa* ucebisa ukuba elona thuba lilungileyo abantu abanokukhenketha ngalo kuxa kungeyoholide kuba amaxabiso ayehla, batsho baphephe nomndilili. Utsho esithi ukukhenketha xa kungeyoholide kukwakunika ithuba loku**zi**pholela wedwa kwii*resor*t, u**zi**phumlele kakuhle.

4 Kwiinkqubo ezininzi ezincedisa ukucwangcisa ihambo yakho, I*STA Travel* yenye yazo. Yona inenkqubo ebizwa ngokuba yi*Flexi Fares*. Le nkqubo inceda ukuba ubani akwazi ukuhlawulela inqwelomoya, ukhenketho okanye amaxabiso eeholide ngokuthi ahlawule ngezavenge. Ivumela ukuba umntu aqale ngedipozithi engama-R250,00 ubuncinane, ze amane ukuyibhatala eshiyekileyo ade ayigqibe phambi kwexesha lokuhamba. Ngoko ke ubani uyasinda ekubhataleni imali eninzi ngexesha elinye. Kananjalo, akuba umkhenkethi ebhalisile waza wakhupha le mali yedipozithi ubanenyhweba yokuba ixabiso lingaguquki nokuba amandla erandi ehlile kuba oko akumchaphazeli. I*STA Travel* ikwanazo neenkqubo ezininzi zokusebenza phesheya. Uninzi lwezi nkqubo lunesithintelo seminyaka yobudala, ezinye zifikelela kuma-44 eminyaka. Ezinye zazo zifuna abathathinxaxheba babe nemfundo enomsila kwakunye namava omsebenzi ngeli xesha ezinye zifuna nje isatifikethi seMatriki.

5 Kukwakho nenkqubo ebizwa ngokuba **kukuvolontiya** okanye ukusebenza ngeli xesha ukhenketha. Kungakunceda ukuba wonge imali ngokuthi ungayihlawuleli indawo yokuhlala okanye izidlo. <u>Ithuba lokukhenketha ihlabathi likwenza udibane nabahlobo abatsha, ufumane amava okusebenza phesheya ude uhlawulwe umvuzo</u>. Ukufumana uze wonge imali yamanye amazwe yinzuzo enkulu leyo. Kwiwebhusayithi enjenge*voluntourism.org* okanye i*project-abroad.org* ungafumana uluhlu lwamathuba okukunceda uqale kwakunye nezinto ezibalulekileyo ekufuneka uzenze ngaphambi kokuba ucebe ukhenketho lwakho.

6 Ngoncedo lweteknoloji abakhenkethi bayakwazi ukubhalisa kwiindawo zokutya ezisestayileni, ukudibana nabantu abatsha, okanye ukwabelana ngabakufumeneyo kumakhasi onxibelelwano. Ukukhula kwetekhnoloji kubanika ithuba lokukhetha into abayifunayo, xa befuna ukuyenza ngelona xabiso lihle. Ii*Apps* ezinjenge*SkyScanner* zinceda ukuzingela iinqwelomoya ezinamaxabiso aphantsi. IAirbnb ingakunika amava okuhlala ngokungathi usekhaya kanti i*Uber* ingakuhambisa kwizixeko eziqikelelwa kuma-600 ehlabathini. I*Google Maps* zikunika ithuba lokugcina imephu zikwakubonisa apho ukhoyo ngeli xesha u*Google Translate* ekunceda ukuba ubuze imibuzo ngolwimi ongakwaziyo ukuluthetha okanye ufumane okuninzi ngemali yakho.

[Sithathwe kwi*BONA*, Meyi 2017, amaphepha 50–51 saza sahlelwa]

**Jonga kumhlathi 1**

1.1.1 Xela ukuba uzibalula ngantoni uMzantsi Afrika ehlabathini. (1)

1.1.2 Ikhuthaza ntoni inkqubo i'Sho't Left'? (1)

1.1.3 Khankanya ibeNYE indawo enobuhle obumangalisayo ngokwalo mhlathi. (1)

1.1.4 Nika uncedo lwenkqubo iSho't Left kwipokotho yomkhenkethi. (1)

1.1.5 Chaza isizathu sokuba kubengcono ukuhambela eMelika kunokuhambela amazwe afana nooThailand. (2)

**Jonga kumhlathi 2**

1.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi: Imali esetyenziswa kwilizwe lasemazantsi eMelika ...

A yiyuro.
B yirandi.
C yiponti.
D yidola. (1)

**Jonga kumhlathi 3**

1.1.7 Caphula isivakalisi esingqina ukuba ukukhenketha xa ingeloxesha leeholide kulungile. (2)

1.1.8 Nika intsingiselo eziswa sisakhi u'zi' obhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi.

'... kukwakunika ithuba loku**zi**pholela wedwa kwii*reso*rt, u**zi**phumlele kakuhle.' (2)

**Jonga kumhlathi 4**

1.1.9 Xela uncedo lwenkqubo i*Flexi Fares* kubakhenkethi. (1)

1.1.10 Kukuthini ukubhatala ngezavenge? (1)

1.1.11 Ngqina ukuba ukubekwa kwemiqathango yobudala yinkqubo yakwa*STA Travel* yingcinga ethambekele calanye. (2)

**Jonga kumhlathi 5**

1.1.12 Nika intsingiselo yegama elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi. (2)

1.1.13 Chaza okuphuhliswa ligama 'likwenza' kwisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

**Jonga kumhlathi 6**

1.1.14 Matanisa uhlobo lwetekhnoloji kukhenketho olukuKHOLAM B kunye noncedo lwetekhnoloji olukuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Zinceda ukuzingela iinqwelomoya ezinamaxabiso aphantsi | (i) Google maps |
| | (ii) Skyscanner |
| (b) Inika amava okuhlala ngokungathi usekhaya | (iii) Uber |
| | (iv) Airbnb |
| (c) Zinika ithuba lokugcina imephu zibonise nendawo okuyo | |

(3 x 1) (3)

**Kwitekisi yonke**

1.1.15 Ingaba lungaluncedo kubakhenkethi ulwazi olukwesi sicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**




[Uthathwe kwi-www.allancavanagh.com]

1.2.1 Nika intsingiselo yophawu oluphakathi kwabantu abakulo mfanekiso. (2)

1.2.2 Umzobi usenze njani isimntwiso esibonakala kulo mfanekiso? (2)

1.2.3 Bhala isilumkiso osinika abantu malunga nokutshaya wakuba ufunde lo mfanekiso. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Isicatshulwa C esingezantsi simalunga **noncedo lwewebhusayithi kwishishini lakho**.

Funda isicatshulwa C esingezantsi uze ubhale iingongoma oza kuzisebenzisa xa unika intetho koosomashishini malunga nendlela okunokunceda ngayo ukuba newebhusayithi kwishishini lakho.

### IMIYALELO

1. Bhala isishwankathelo sibe kwimo yeengongoma ungadluli kumagama angama-70.
2. Nombola izivakalisi zakho ukusuka ku-1 ukuya ku-7.
3. Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo ukubhala iingongoma.
4. Sebenzisa AMAZWI AKHO kangangoko unako.
5. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.

### ISICATSHULWA C

**YIBA NEWEBHUSAYITHI KWISHISHINI LAKHO**

Abantu abaninzi bazifumana kwi-intanethi iinkcukacha ezibhekiselele kumashishini. Yiyiphi eyona ndlela ilula nexhaphakileyo yokufumana iivenkile nezinye iinkonzo kumntu ofikayo kwidolophu okanye kwisixeko esitsha? Kukusebenzisa u*Google*! Sesi sizathu kanye esinokubangela ukuba ishishini lakho libe newebhusayithi.

Iwebhusayithi inceda abantu, ngakumbi abafikayo endaweni, ukuba bazifumane lula iinkcukacha zamashishini abawafunayo. Oku kubalulekile kuba umntu okwindawo angayiqhelanga akanalwazi ngamashishini afumaneka kuyo.

Iwebhusayithi iyaliqaqambisa ishishini lakho kuba inika abathengi iinkcukacha ezizeleyo ngalo kwaye zifikelela lula kubo. Iinkcukacha ezifunyanwa kumakhadana oosomashishini aziziphuhlisi ngokupheleleyo iinkonzo zeshishini.

Unxibelelwano ngewebhusayithi luhlala luvulekile ngamaxesha onke ukuphendula imibuzo yabantu ngeshishini lakho. Oko kunceda nabantu abaxakekileyo ukuze bazifumane iinkcukacha zalo nanini na. Ukuphendula imibuzo yabathengi ngomnxeba kuchitha ixesha.

Iwebhusayithi ikutsalela abathengi abathi beqhagamshelana neshishini babe sebesithathile isigqibo sokulixuma! Abantu abaninzi baqala ngokuzingela ulwazi kwi-intanethi phambi kokuba benze imigudu yokuqhagamshelana neshishini. Abathengi basoloko benolwazi ngenkonzo oyithengisayo.

Iwebhusayithi yeshishini inceda ukuba abathengi bakuthembe kuba zivela zonke iinkcukacha ezibalulekileyo ngobume beshishini. Umzekelo, luyavela ulwazi ngempumelelo yalo, imifanekiso neenkcukacha ngemveliso okanye inkonzo oyithengisayo.

Kukuthatha ithutyana elingangeyure ukutshintsha zonke iinkcukacha zeshishini lakho kwiwebhusayithi, xa kuthelekiswa nezinye iindlela zokubhengeza. Umzekelo, ukutshintsha iinkcukacha ezixhonywe kwii*bhilbhodi,* eziqulethe ulwazi ngedilesi, abasebenzi abafikayo nabahambayo kungakuthatha ixesha elide.

Iwebhusayithi ifikelela kuninzi lwabantu ehlabathini jikelele ngentlawulo engephi kunokusebenzisa ezinye iindlela zokubhengeza. Kunjalo nje, akudleki kuba akukho zintlawulo zakuprinta nakuthumela.

Lilonke, ukubanewebhusayithi kwishishini lakho kukutsalela uninzi lwabaxhasi kwingingqi ohlala kuyo nakwihlabathi liphela ungadlekanga kuyaphi. Kwaye kukwenzela ubomi lula.

[Sithathwe kwiintanethi, www.webcoxx.co.za ,saguqulelwa saza sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

## UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

## ISICATSHULWA D




[Sithathwe kwi-www.fitnish.com sahlelwa]

3.1 Xela ukuba ipronutro ityiwa ngeliphi ixesha lemini ngokwale ntengiso. (1)

3.2 Nika isilogani sale mveliso. (1)

3.3 Xela indawo efumaneka kuyo le mveliso. (1)

3.4 Chonga ibinzana elisetyenziselwe ukuqhatha abathengi kwesi sibhengezo-ntengiso. (2)

3.5 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Le mveliso inezakhamzimba ...

A ezikhethekileyo.
B ezanelisayo.
C ezithandwayo.
D ozidingayo. (1)

3.6 Chaza isizathu sokuba le mveliso ibekwe phezu kwamatye acunjiweyo kwesi sibhengezo-ntengiso. (2)


3.7 Ingaba le ntengiso ijolise ekuncedeni (umnini-mveliso/umthengi)? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**




[Ithathwe kwi-cartoonnetwork.com]

4.1 Xela indawo abancokola bekuyo aba bantu bakule khathuni. (1)

4.2 Yiyiphi into ebubungqina bokuba utatomkhulu uyamthanda umhakhulu? (2)

4.3 Nika iintsingiselo EZIMBINI ezahlukileyo zegama 'inyanga' ezivela kule ncoko. (2)

4.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Isikhuzo 'Hayi bo!' esikwintetho kamhakhulu sibonisa:

A Ukonwaba
B Ukuvuya
C Ukudelela
D Ukothuka (1)

4.5 Ingaba ityhila ntoni ngesigama le khathuni? (2)

4.6 Uyavumelana noluvo lokuba intetho kamhakhulu yintetho egweba phambi kokuba uve? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

## UMBUZO 5: IPROZI

5.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo ebuzwe kuso.

### ISICATSHULWA F

Yaqokelelwa imali msinyane yema indlu yesikolo, <u>nezindlu zangasese</u> ngephanyazo. Ginya iintliziyo zabantu osebenza nabo ukuze impumelelo ibesentendeni yesandla sakho. Waqala phantsi umfo kaNqatha yakuba imi indlu, wacanda iindledlana zeenyawo nezeemoto zaphahlwa ziiheji, akaze afune kubona matye **amhlophe** aza kukhubekisa abantw<u>ana</u> badumbe iinyheke, izilonda phantsi kweenyawo nokusikeka kweminwe. Saqala kaloku esi sikolo saliziko lempucuko lenene, sayeka ukutsitsitheka sixele umlilo weenkuni ezimanzi.

**Lo mfana kaNqatha akaphelelanga ekulungiseni imihlaba yesikolo kuphela**. Watsheleza, wabila esoma phambi kwabantwana bebanga lesithandathu. Abantwana besikolo babesithi ukumbiza nguWagaxaza, ibe ilali isithi ukumbiza ngunonqane wejojo, kuba wayezigaxela emsebenzini engazoyikiseli.

[Sithathwe kwincwadi *Apha Naphaya* nguDM Jongilanga, iphepha lama-41 sahlelwa]

5.1.1 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo sibe kwisininzi.

Yaqokelelwa imali msinyane yema indlu yesikolo. (2)

5.1.2 Nika igama lemboleko endaweni yeli binzana 'nezindlu zangasese'. (1)

5.1.3 Nika udidi lwesichazi olubhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo.

Akaze afune kubona matye **amhlophe**. (1)

5.1.4 Chonga isibizo esingenaceba kwisivakalisi esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa uchaze nesizathu soko. (2)

5.1.5 Ntsingiselo ni eziswa sisimamva u –ana esikrwelelwe umgca kwesi sivakalisi silandelayo.

Aza kukhubekisa abantw<u>ana</u> badumbe iinyheke. (2)

5.1.6 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo ufake iimpawu zobhalo ezichanekileyo.

nguWagaxazalo, yatsho ilali (3)

5.1.7 Bhala izivumelanisi ngendlela echanekileyo kwesi sivakalisi silandelayo.

UNqatha aka<u>ba</u>funi amatye <u>si</u>qatywe mhlophe. (2)

5.1.8 Xela ukuba isenzi esikrwelelwe umgca ngaphantsi sikwimo evumayo okanye sikwimo elandulayo.

Wayezigaxela emsebenzini <u>engazoyikiseli</u>. (1)

5.2 Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G: UMFANEKISO**




[Uthathwe kuwww.coexistance.com]

5.2.1 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo isenzi sibe kwisixando sokwenziwa.

Uthando lobuzali luguqula okuninzi. (2)

5.2.2 Landelelanisa ngokuchanekileyo amagama akwesi sivakalisi silandelayo.

Esitya sasendle ingwe ezinye sisilo. (2)

5.2.3 Bhala isaci ngegama 'ingwe'. (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C : 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**